



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2010

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO –
IPHEPHA LESIBINI**

MEMORANDAM

Le memorandam inamaphepha asi – 7.

2 ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO – IPHEPHA LESIBINI (SEPTEMBER 2010)

ICANDELO A: IRUBHRIKHI YOKUHLOLA ISINCOKO (IZINCOKO) (AMANQAKU: 40)

IKHOWUDI	GQWESILEYO KHOWUDI 7 80 – 100%	PHAKAMILEYO KHOWUDI 6 70 – 79%	PHAKATHI KHOWUDI 5 60 – 69%	KUYANELISA KHOWUDI 4 50 – 59%	KUYAZAMEKA KHOWUDI 3 40 – 49%	KUNZINYANA KHOWUDI 2 30 – 39%	KUNZIMA KHOWUDI 1 0 – 29%
AMANQAKU	22½ - 28	20 – 22	17 - 19½	14 - 16½	11½ - 13½	8½ - 11	0 - 8
UMXHOLO/ UMONGO NOCWANGCISO Amanqaku: 28	Umxholo ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze isincoko saphum'izandla	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla.	Umxholo, nocwangciso, izimvo konke kuyanelisa, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla.	Umxholo, nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba kuthungelwano. Izimvo kuzamekile kodwa ziyaphinda-phindwa. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esibonakala sisamkeleka nesinothungelwano.	Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenzima. Isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo.	Umxholo nothungelwano zimvo kuyingxaki enkulu. Isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye isincoko sixazalala.
ULWIMI/ IZIPHUMLISI/ NOHLELO Amanqaku: 7	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile, ukusetyenziswa kolwimi olusulungekileyo.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi, ukusetyenziswa ngokuchanekileyo kolwimi olusulungekileyo nochongo magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo.	Ingqaliselo kulwimi iphakathi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuphakathi. Ulwimi luphakathi kwaye luyamelana neemfuno zesi sihloko, nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakathi.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa kodwa zinobungqina obanelisayo besihloko.	Ulwimi neziphumlisi luyazameka kodwa alusetyenziswa ngokuchanekileyo, uchongo magama luzamekile, ulwimi aluthungelani kwaye alungqinelani nesihloko, sineziphoso eziliqela emva kohlelo.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuneziphoso kakhulu. Sibonakalisa iziphoso nokubhidanisa kakhulu izimvo emva kohlelo.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuneziphoso kakhulu. Sibonakalisa iziphoso nokubhidanisa kakhulu izimvo emva kohlelo.
ULWAKHIWO Amanqaku: 5	4 – 5 Ukukhula kwesihloko ngokuthungelana. Umxholo uphuhlile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo konke kugqwesile. Ubude buchanekele.	3½ Ukukhula komongo ngokulandelelanayo Kukho uthungelwano. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo kuphakamile kakhulu. Ubude buchanekele.	3 Izimvo zomongo zimbawla. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude konke kukwizinga eliphakathi kwaye zicacile. Ubude buphantse banelisa.	2½ Amanye amanqaku nezimvo ezifanelekileyo zixeliwe. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude konke kuyanelisa.	2 Ezinye izimvo ezifanelekileyo ziyavela. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo zineziphoso kodwa zizamekile ukuphuhla nobude buzamekile (side kakhulu/ sifutshane kakhulu).	1½ Ngamanye amaxesha uyaphuma kwisihloko. Kunzima ukulandela ingcinga zakhe. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo asiphuhlanga ncam nobude abuphuhlanga ncam (side kakhulu/ sifutshane kakhulu).	0 - 1 Uphumile kwisihloko. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude (side kakhulu mpela/sifutshane kakhulu mpela) asiphuhlanga kwaphela.

ICANDELO A

Amanqaku anokusetyenziswa xa kukorekiswa izincoko.

ISIQULATHO	AMANQAKU	ISITSHIXO
Umxholo noyilo	28	Umxh + uyilo =
Ulwimi, isimbo nokuhlela	7	Lwimi, simb nokuHlel. =
Isakhiwo	5	Sakh =
Amanqaku ewonke	40	

ICANDELO B: IRUBHRIKHI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIDE (AMANQAKU: 20)

IKHOWUDI	GQWESILEYO KHOWUDI 7 80 – 100%	PHAKAMILEYO KHOWUDI 6 70 – 79%	PHAKATHI KHOWUDI 5 60 – 69%	KUYANELISA KHOWUDI 4 50 – 59%	KUYAZAMEKA KHOWUDI 3 40 – 49%	KUNZINYANA KHOWUDI 2 30 – 39%	KUNZIMA KHOWUDI 1 0 – 29%
AMANQAKU	11½ - 14	10 – 11	8½ - 9½	7 – 8	6 - 6½	4½ - 5½	0 - 4
UMXHOLO/ UMONGO NOCWANGCISO	Ubonakalisa ulwazi olugqwesileyo ngeemfuno zetekisi. Umfundi uhlala emxholweni akaphumi ecaleni. Umxholo nochwangciso zibonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko. Ubungqina besicwangciso benze kwaphuma itekisi emika imbadla kakhulu. Usebenzise imithetho efanelekileyo yesakhiwo ngokugqwesileyo.	Ubonakalisa ulwazi oluphakamileyo ngeemfuno zetekisi. Umfundi uhlala emxholweni kwaye akafane aphume emxholweni. Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Ubungqina besicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla. Usebenzise imithetho efanelekileyo yesakhiwo kakuhle.	Ubonakalisa ulwazi oluphakathi ngeemfuno zetekisi. Umfundi uhlala emxholweni kwaye uphuma kancinci kuwo. Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Ubungqina besicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla nesithungelano. Usebenzise imithetho emininzi efanelekileyo yesakhiwo.	Ubonakalisa ulwazi olwanelisayo ngeemfuno zetekisi. Umfundi uphuma ecaleni kodwa uyayiphuhlisa intsingiselo ngokwaneleyo. Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa. Ubungqina besicwangciso benze kwaphuma isincoko esamekelekileyo. Usebenzise imithetho emininzi yesakhiwo ngokwaneleliso.	Uzamlile ukubonakalisa ulwazi ngeemfuno zetekisi. Indlela abhala ngayo ibonakalisa ukujonga kwicala elinye. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga ngamanye amaxesha. Umxholo uyathungelana, ezinye izimvo zixhasa isihloko, konke kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. Ubungqina besicwangciso buvelise itekisi ezamekileyo. Unolwazi oluzamekayo lwesakhiwo. Kukho impazamo ezibonakalayo.	Kube nzinyana ukubonakalisa ulwazi ngeemfuno zetekisi. Indlela abhala ngayo ibonakalisa ukunciphisa kwezimvo. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga kwiindawo ezininzi. Umxholo, uqhangelwano izimvo kuyingxaki enkulu; uqhangelwano ezimbini kakhulu ukuxhasa isihloko. Isicwangciso setekisi asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala. Akayisebenzisanga imithetho yesakhiwo.	Akakwazi ukubonakalisa ulwazi ngeemfuno zetekisi. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga kwiindawo ezininzi. Umxholo, uqhangelwano izimvo kuyingxaki enkulu; uqhangelwano ezimbini kakhulu ukuxhasa isihloko. Isicwangciso setekisi asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala. Akayisebenzisanga imithetho yesakhiwo.
ULWIMI / IZIPHUMLISI / NOHLELO	5 – 6	4½	4	3 – 3½	2½	2	0 - 1½
Amanqaku: 6	Itekisi ibhalwe ngegama echanekileyo kwaye yakhiwe ngokugqwesileyo, isigama siphuhle kakhulu ngokwenjongo, ngokwabafundi nangokwemeko. Ulwimi lubhalwe ngokugqwesileyo. Yiteki ethanda ukubonakalisa izinga eligqwesileyo lokungabi naziphoso emva kohlolo. Ubude buchaneke ngokugqwesileyo.	Itekisi ibhalwe nakwizinga eliphakamileyo. Isigama sibonakalise ukuphuhla okuphakathi ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe kwizinga eliphakamileyo. Yiteki ethanda ukubonakalisa izinga eliphakamileyo lokungabi naziphoso emva kohlolo. Ubude buchaneke ngokuphakamileyo.	Itekisi ibhalwe kakuhle nakwizinga eliphakathi. Isigama sibonakalise ukuphuhla okuphakathi ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe ngokuphakathi. Yiteki ethanda ukubonakalisa izinga eliphakathi lokungabi naziphoso emva kohlolo. Ubude buchaneke ngokuphakathi.	Itekisi ibhalwe yakwizinga elanelisayo. Iziphoso aziphazamisi thungelwano. Isigama sibonakalise ukuphuhla okwaneleyo ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe ngokwaneleliso. Yiteki ethanda ukubonakalisa izinga elanelisayo. Itekisi iseneqela leziphoso ezibonakalayo emva kohlolo. Ubude buphantse buchaneke ngokwaneleliso.	Uzamlile ukubhala itekisi. Iziphoso ziliqela. Isigama sinciphile kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Usokole ukubhala ulwimi ngokufanelekileyo. Umfundi uzamlile ukubhala itekisi nangona iyiteki eneziphene eziliqela emva kohlolo. Ubude – inde/imfutshane nje.	Itekisi ibhalwe xazalala kwaye kunzima ukuyilandela. Isigama sifuna ukulungiswa asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubonakala lungahambelani nesihloko. Itekisi ineempazamo ezininzi nangona ihleliwe. Ubude – inde/imfutshane kakhulu.	Itekisi ibhalwe xazalala kwaye kunzima ukuyilandela. Isigama sifuna ukulungiswa kakhulu mpela kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi aluhambelani nesihloko. Itekisi ineempazamo ezininzi kwaye ayilandeleki tu emva kohlolo. Ubude – inde/imfutshane kakhulu mpela.

ICANDELO B

Amanqaku anokusetyenziswa xa kukorekishwa imihlathana emide

ISIQULATHO	AMANQAKU	ISITSHIXO
Umxholo, ukuyila nenkangeleko	14	Umxh, ukuyi nenkgk =
Ulwimi, isimbo nokuhlela	6	Lwimi, simb nokuHlel. =
Amanqaku ewonke	20	

ICANDELO C: IRUBHRIKHI YOKUHLOLA IMIHATHANA EMIFUTSHANE (AMANQAKU: 20)

IKHOWUDI	GQWESILEYO KHOWUDI 7 80 – 100%	PHAKAMILEYO KHOWUDI 6 70 – 79%	PHAKATHI KHOWUDI 5 60 – 69%	KUYANELISA KHOWUDI 4 50 – 59%	KUYAZAMEKA KHOWUDI 3 40 – 49%	KUNZINYANA KHOWUDI 2 30 – 39%	KUNZIMA KHOWUDI 1 0 – 29%
AMANQAKU	11½ - 14	10 - 11	8½ - 9½	7 - 8	6 - 6½	4½ - 5½	0 - 4
UMXHOLO/ UMONGO NOCWANGCISO	Ubonakalisa ulwazi olugqwesileyo ngeemfuno zetekisi. Umfundi uhlela emxholweni akaphumi ecaleni. Umxholo nobwango zibonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko. Ubungqina besicwangciso benze kwaphuma itekisi enika imbadla kakhulu. Usebenzise imithetho efanelekileyo yesakhiwo ngokugqwesileyo.	Ubonakalisa ulwazi oluphakamileyo ngeemfuno zetekisi. Umfundi uhlela emxholweni kwaye akafane aphume ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Ubungqina besicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla. Usebenzise imithetho efanelekileyo yesakhiwo kakuhle.	Ubonakalisa ulwazi oluphakathi ngeemfuno zetekisi. Umfundi uhlela emxholweni kwaye uphuma kancinci kuwo. Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Ubungqina besicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla. Usebenzise imithetho efanelekileyo yesakhiwo.	Ubonakalisa ulwazi olwanelisayo ngeemfuno zetekisi. Umfundi uphuma ecaleni kodwa uyayiphuhlisa intsingiselo ngokwaneleyo. Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa. Ubungqina besicwangciso benze kwaphuma isincoko esamkelekileyo. Usebenzise imithetho emininzi yesakhiwo ngokwaneleliso.	Uzamlile ukubonakalisa Indlela abhala ngayo ibonakalisa ukujonga kwicala elinye. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga ngamanye amaxesha. Umxholo uyathungelana, ezinye izimvo zixhasa isihloko, konke kuzamekile noxa nje kusekho izikholo. Ubungqina besicwangciso buvelise itekisi ezamekileyo. Unolwazi oluzamekayo lwesakhiwo. Kukho iimpazamo ezibonakalayo.	Kube nzinyana ukubonakalisa ulwazi ngeemfuno zetekisi. Indlela abhala ngayo ibonakalisa ukunciphisa kwezimvo. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga kwiindawo ezininzi. Umxholo, uthungelwano zimvo kuyingxaki enkulu; unezimvo ezimbalewa kakhulu ukuxhasa isihloko. Isicwangciso setekisi asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala. Akayisebenzisanga imithetho yesakhiwo.	Akakwazi ukubonakalisa ulwazi ngeemfuno zetekisi. Umfundi uphuma ecaleni intsingiselo ayicacanga kwiindawo ezininzi. Umxholo, uthungelwano zimvo kuyingxaki enkulu; unezimvo ezimbalewa kakhulu ukuxhasa isihloko. Isicwangciso setekisi asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala. Akayisebenzisanga imithetho yesakhiwo.
ULWIMI / IZIPHUMLISI / NOHLELO	5 - 6	4½	4	3 - 3½	2½	2	0 - 1½
Amanqaku: 6	Itekisi ibhalwe ngegama echanekileyo kwaye yakiwe ngokugqwesileyo, isigama siphuhle kakhulu ngokwenjongo, ngokwabafundi nangokwemeko. Ulwimi lubhalwe ngokugqwesileyo. Yiteki ethanda ukubonakalisa izinga lokungabi naziphoso emva kohlolo. Ubude buchaneke ngokugqwesileyo.	Itekisi ibhalwe nakwizinga eliphakamileyo. Isigama sibonakalise ukuphuhla ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe ngokuphakathi. Yiteki ethanda ukubonakalisa izinga eliphakathi lokungabi naziphoso emva kohlolo. Ubude buchaneke ngokuphakamileyo.	Itekisi ibhalwe kakuhle nakwizinga eliphakathi. Isigama sibonakalise ukuphuhla ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe ngokuphakathi. Yiteki ethanda ukubonakalisa izinga eliphakathi lokungabi naziphoso emva kohlolo. Ubude buchaneke ngokuphakathi.	Itekisi ibhalwe yakwizinga elanelisayo. Iziphoso aziphazamisi thungelwano. Isigama sibonakalise ukuphuhla okwaneleyo ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe ngokwaneleliso. Yiteki ethanda ukubonakalisa izinga elanelisayo. Itekisi iseneqela leziphoso ezibonakalayo emva kohlolo. Ubude buchaneke ngokwaneleliso.	Uzamlile ukubhalwa itekisi. Iziphoso ziliqela. Isigama sinciphile kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Usokole ukubhala ulwimi ngokufanelekileyo. Umfundi uzamlile ukubhala itekisi nangona iyiteki eneziphene eziliqela emva kohlolo. Ubude – inde/imfutshane nje.	Itekisi ibhalwe xazalala kwaye kunzima ukuyilandela. Isigama sifuna ukulungiswa kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubonakala lungahambelani neshloko. Itekisi ineempazamo ezininzi nangona ihleliwe. Ubude – inde/imfutshane kakhulu mpela.	Itekisi ibhalwe xazalala kwaye kunzima kakhulu ukuyilandela. Isigama sifuna ukulungiswa kakhulu mpela kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi aluhambelani neshloko. Itekisi ineempazamo ezininzi kwaye ayilandelek i tu emva kohlolo. Ubude – inde/imfutshane kakhulu mpela.

ICANDELO C

Amanqaku anokusetyenziswa xa kukorekiswa imihlathana emifutshane.

ISIQULATHO	AMANQAKU	ISITSHIXO
Umxholo, ukuyila nenkangeleko	14	Umxh, ukuyi nenkgk =
Ulwimi, isimbo nokuhlela	6	Lwimi, simb nokuHlel. =
Amanqaku ewonke	20	